Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

JULAYI 2019

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

UHLAHLO LWABIWO-MALI 2019/20: *Nangona kukho okungalindelwanga nokungabonakalanga kwangaphambili, i-Overstrand izinzile*

Kwintlanganiso eyayibanjwe ngomhla wama-29 kuMeyi 2019, iBhunga lamkele uVavanyo lokuggibela lwesiCwangciso esiHlangeneyo soPhuhliso sowama-2019/20 soMasipala wase-Overstrand ngokunjalo nohlalhlo lwabiwo-mali lokusebenza logunyaziwe wengingqi nolwezakhiwo olulungiselelwe unyaka wemali oqala ngomhla woku-1 kuJulayi 2019. Inkcitho ehlangeneyo yokusebenza neyezakhiwo yowama-2019/20 esisambuku esingamawaka ezisigidi esi-R1 511 639 809; Olokusebenza liwaka lezigidi esi-R1 249 962 889 kunye nolwezakhiwo olungama-R261 676 920.

Kwintetho yakhe yohlahlo lwabiwo-mali uSodolophu wesiGqeba uSibonda wedolophu we-Overstrand uDudley e uchaze into yokokuba imingeni efunyenwe kwisithuba sowama-2018/19 ngokuphathelelene Cotzee nokuhlaliswa kwabantu okungxamileyo kunye neenkonzo zesiseko ezinxulumene noko ngokunjalo nentshabalalo ebangelwe yimililo ezivuthelayo ekuqaleni kwalo nyaka kube nempembelelo enkulu kuhlahlo lwabiwo-mali lowama-2019/20. "Nangona kunjalo," utshilo, "sinenkolo yokokuba olu hlahlo lwabiwo-mali luya kuxhasa ngemali iimfuno zophuhliso zoluntu lwethu njengoko zichaziwe kuvavanyo lwesibini lwe-IDP yethu ekhoyo yeminyaka emihlanu (okt. uvavanyo lwe-IDP lowama-2019/20). Apho kufanelekileyo, izixa-mali zakhutshelwa zisuswa kwiinkqubo ezinesidingo esiphantsi zisisiwa kwezinesidingo esiphezulu kulungiselelwa ukugcinwa kobugosa obuzinzileyo bemali. Uvavanyo olubalulekileyo lwaqhutywa ngokunjalo lwenkcitho ngokuphathelelene kwimiqathango yokuthintelwa kwendleko nezo zinto zingengondoqo nezo zobumnandi." Uhlahlo lwabiwo-mali lwezakhiwo olwamkelweyo olulungiselelwe olwama-2019/20, olusisixa-mali oluzizigidi ezingama-R261.7, lungama-49.7 ngaphezulu xa kuthelekiswa nohlahlo lwabiwo-mali olulungelelanisiweyo lowama-2018/19. Olu lwandiso lubangelwe ikakhulu kukuqengqwa kweeprojekti ezisisixa-mali esizigidi ezingama-R61 oluvela kuhlahlo lwabiwo-mali olulungelelanisiweyo lowama-2018/19, ukungazinzi konyaka ngonyaka kunye nolwabiwo lomnikelo wezindlu oluphakathi kwamacandelo aphezulu (lokusebenza) kunye nezibonelelo zeenkonzo (izakhiwo). Okubandakanyiweyo ngokunjalo kuhlahlo lwabiwo-mali lwezakhiwo sisibonelelo esimalunga ne-R14.3 ezilungiselelwe ukuhlawulwa kweeprojekti ezivela kwiinkqubo zothatyatho-nxaxheba lwe-IDP / loHlahlo Lwabiwo-mali.

"Ngesithuba sonyaka-mali wama-2019/20, siya kuqhubeka ngaphezulu similisela iiprojekti zezakhiwo ukulungisa izixokelelwano ezigugileyo zolwahlula-hlulo lwamanzi ngokunjalo neeprojekti zonyango lwemibhobho ehambisa amanzi amdaka yaye, okubalulekileyo, ngokunjalo iiprojekti zamanzi esikhukhula," utshilo uSododophu.

Imirhumo yepropati elungiselelwe amakhaya, amashishini kunye neziza ezinga phuhliswanga iya kunyka ngesi-5.7%, ngokunjalo neenkonzo zamanzi nococeko. Uthutho lwenkunkuma luya kunyuka, ngokunjalo nge-12.86% ze umbane nge 13.07% ngomndilili.

Ngokubhekiselele kwinkcitho yabasebenzi, uSodolophu uchaze into yokokuba ukunyuka kwemivuzo okukuhlahlo lwabiwo-mali nolungelelwaniso lwenotshi luhambelana nesivumelwano esikhoyo seminyaka emithathu ekufikelelwe kuso neSALGBC esiqale ukusebenza ngomhla woku-1 kuJulayi 2018. Ngaphezulu koko, imivuzo yooceba sele ifakiwe kuhlahlo lwabiwo-mali lowama-2019/20 ngomlinganiselo omnye nalowo womiselo lowama-2018/19 njengoko isiboniso sisalindiwe ngalo mba esivela kuMphathiswa woLawulo lweNtsebenziswano neMicimbi yeMveli. Iikopi zoVavanyo lokugqibela le-IDP kunye namaxwebhu aphathelelene nolwamkelo lohlahlo lwabiwo-mali oluvunyiweyo zivulelekile ukuba zihlolwe kwii-ofisi zabalawuli bommandla, kuwo onke amathala eencwadi karhulumente akummandla kamasipala nakwiwebhusayiti esesikweni kamasipala.

IQELA LOKUSEBENZA ELIHLANGENEYO LOLAWULO LWEEMFENE LICAMNGCA NGEMIQATHANGO ESEBENZAYO UKULUNGISELELA ULAWULO LWEEMFENE EZIYINGXAKI KUMMANDLA WOMASIPALA WE-OVERSTAND

UMasipala wase-Overstrand (OSM), i-Western Cape Nature Conservation Board (CapeNature) kunye neSebe leMicimbi yeNdalo noCwangciso loPhuhliso (DEA&DP) usayine uMnqophiso okt. isivumelwano) ngoMatshi 2019 ukuqhubela phambili izigunyaziso zabo ezifanayo zokusebenza ngobambiswano phantsi kwezibonelelo zeSahluko sesi-4 soMthetho wesiCwangciso-nkqubo soBudlelwane booRhulumente, 2015 (uMthetho we-13 wama-2005). umnqophiso umele iinzame ezenziwa ngamaqela ukufuna uvumelwano ngoko kufuneka kwenziwe ukulungisa ingxaki yeemfene kummandla womasipala wase-Overstrand.

Isivumelwano sibhekiselele kwimihlambi eli-14 yeemfene ebukhulu bahlukeneyo equlathe izilwanyana ezingama-450 zizonke ezithi zibekho kummandla womasipala wase-Overstrand, kubandakanywa nemimandla eneengxaki kakhulu ethi ifumane rhoqo iimfene kummandla wasedolophini ngaphezu kwawo nawuphi na ummandla wase-OSM. Le mimandla ngokwakaloku nje yile iPringle Bay, iKleinmond, iBetty'sBay, i-OnrusRiver, i-Voëlklip, Hermanus Heights kunye ne-Fernkloof.

Imiba yendalo efana nomlilo okanye imbalela inakho ngokunjalo ukuguqula iindlela zokuziphatha zamaqela eemfene yaye ngoko umngcipheko ongakho kwimimandla unakho ukuguquka manqapha-nqapha, njengoko kuthe kwenzeka kwi-Overstrand.

Kubalulekile ukuqaphela into yokokuba ucalulo lomngcipheko wemimandla apho amaqela akho kakhulu ngokwalo mzuzu anakho ukuguquka ngenxa yempembelelo yemiba yangaphandle yendalo.

Inyathelo lokuqala loMnqophiso lisekiwe liQela lokuSebenza eliHlangeneyo loLawulo lweeMfene (BMJTT) elilungiselelwe iinjongo zokuqulunqa isiCwangciso seQhinga loLawulo lweeMfene sommandla womasipala wase-Overstrand. Injongo ye-BMJTT ithiwe thaca kuMnqophiso njengoku kulandelayo:

2.1. ukuchonga nokuvumelana ngemiqathango esebenzayo eyakuthi ibe yimfuneko ukulungisa ngokufanelekileyo ezi mfene;
2.2. ukuxabisa imiqathango eyimfuneko echongiweyo;
2.3. ukuvumelana ngesabelo, kunye nomnikelo wemali wamaQela, obhekiselele kumqathango ngamnye ochongiweyo;
2.4. ukuthatyathwa kokusekwa, kunye nokundululwa kwamaxesha angakho ecandelo lokuthatyathwa kwesigqibo esihlangeneyo ukugcina ulongamelo kubantu abanikwe uxanduva lokumilisela imiqathango eyimfuneko echongiweyo, ngokunjalo nokujongana ngemvisiswano nemiba ecela umngeni nenobuzaza enokuthi ivele; yaye
2.5. uthethwano ngemiqathango yomiliselo lomnqophiso encedisa oku kungasentla, umnqophiso lowo uya kuthi unikezele ngolawulo oluhlangeneyo lwezi mfene ngokwemiqathango yesicwangciso seqhinga lolawulo lweemfene (apha ekubhekiselelwe kuyo njenge: "SBMP").'

I-BMJTT sele ihlangene kabini (ngomhla wama-20 kuMatshi nangomhla we-18 ku-Epreli 2019). Kwezi ntlanganiso omphumela opheleleyo odingekayo kunye neziphumo ezilungiselelwe i-SBMP yase-Overstrand yowama-2019 ukuya kowama-2024 zaxoxwa, ngokunjalo neengcebiso nemisebenzi, amathuba abekiweyo, uxanduva nohlahlo lwabiwo-mali lweShedyuli yoMiliselo elungiselelwe iminyaka emithathu yokuqala yesi sithuba. Imiphumela engundoqo ethe yabekelwa phambili ngenjongo yeSBMP yile: ulawulo olulungiswayo oluxhaswa lubeko lweliso oluzinzileyo kunye novavanyo nophando lwenzululwazi; iimfuno ezifanelekileo zolawulo kunye nenkxaso; ubeko lweliso lwamaqela eemfene neentango (kubandakanywa lintango zenyaniso) ezijolise ekugcineni limfene zingangeni kwimimandla yasedolophini; ulawulo lwenkunkuma (kuqinisekiswe ukuba inkunkuma ayifunyanwa ziimfene); kunye nonxibelelwano loluntu nolwazi. Amaqela ayavumelana ngento yokokuba intsebenziswano yabachaphazelekayo iyanceda nothelelwano lwabemi luya kwandisainkxaso yeziko lengingqi. Ngeli thuba i-SBMP ingekaqukunjelwa amaqela anethemba lokokuba oku kunokungqinelwana ngako kwamsinyane ngokuqukunjelwa kohlahlo lwabiwo-mali ekuvunyelenwe ngalo kunye nolwabiwo lwemisebenzi oluza kulandela kwakamsinyane emva kwangoko. Oku kuya kunceda kuqukunjelo nomiliselo lwe-SBMP ngokunjalo nenkxaso ephuculelwe kunye nentsenziswano nabahlali bengingqi. Ingxelo ekhutshwe ngu: Masipala wase-Overstrand, CapeNature kunye neSebe leMicimbi yeNdalo kunye noCwangciso loPhuhliso kuMmandla woMasipala wase-Overstrand.

II-AKHAWUNTI ZEBHANKA EZINTSHA UKUSUSELA NGOMHLA WOKU-1 KUJULAYI 2019

Ukususela ngomhla woku-**1 kuJulayi 2019** umasipala uya kusebenzisana **ne-NEDBANK** ukulungiselela iinkonzo zokubhankisha. Yinzame yetu ukulwenza olu tshintsho lube lolungenamakhwiniba kangangoko sinako ukulungiselela abathengi bethu. Abathengi abahlawula ngokusebenzisa inkqubo yokuxhuzulelwa izixa-mali ezibhankini zabo akufuneka benze naziphi na iinguqu njengoko iinkcukacha eziyimfuneko ziya kuhlaziywa ngumasipala.

Abo bathengi abahlawula ii-akhawunti ngokusebenzisa u-EASYPAY, PAY@ okanye uSAPO kudingeka nje ukuba bangenise i-akhawunti yabo kamasipala yakutsha nje kwindawo yokuhlawula. Ingcaciso elandelayo entsha yebhanka iya kushicilelwa kwangaphambili kwi-akhawunti.

Ii-akhawunti ezilandelayo ezintsha ziya kufumaneka ukulungiselela ukuhlawulwa kwee-akhawungi zikamasipala nezohlwayo zezithuthi:

IINTLAWULO ZE-AKHAWUNTI YASE-OVERSTRAND: Inombolo ye-akhawunti 1190136899

Le akhawunti ilungiselelwe kuphela intlawulo yee-akhawunti zikamasipala zarho ngenyanga yaye intlawulo kufuneka ibandakanye inombolo ye-akhawunti enamanani ali-12 njengesikhombisi. Abathengi abahlawula ngokusebenzisa i-intanethi bayacelwa ukuba bahlaziye iinkcukacha zabaxhamli kulo mba.

I-AKHAWUNTI YEMIRHUMO YEZITHUTHI YASEOVERSTRAND: Inombolo ye-akhawunti 1190137186

Le akhawunti ilungiselelwe kuphela intlawulo zemirhumo yezithuthi yoMasipala waseOverstrand yaye intlawulo kufuneka ibandakanye. inombolo yesikhombisi enamanani ali-10 ukuya kwali-16 abonisiweyo kwisohlwayo. Nceda uqaphele into yokokuba uphawu "/" malungabandakanywa kwinombolo yesikhombisi.

IIPROJEKTI EZIPHEZULU EZILI-10 EZINGUNDOQO

INkcazelo yeProjekti	IWodi	Isixa-mali
Water Master Plan Implementation	Overstrand	16 286 360
Upgrade Hawston Sport Complex	Ward 08	15 577 530
Masakhane IRDP (296) (Housing project)	Ward 01	11 113 300
Hermanus New Waste Management Facility	Overstrand	10 000 000
New Reservoir for Pringle Bay	Ward 10	9 175 105
Hermanus: MV & LV Upgrade / Replacement (Electricity)	Ward 03	8 871 500
CBD Regeneration Program	Ward 03	7 644 182
Blompark Housing Project Bulk Stormwater	Ward 02	7 485 744
New 4ML Reservoir	Ward 01 & 02	7 098 256
Gansbaai CBD Sewer Network Extension	Ward 02	6 574 574

UHLAHLO LWABIWO-MALI LOWAMA-2019/20 NGOKUFUTSHANE

INgeniso epheleleyo:
R1.244bn [inyuswe ngesi-8.3%]
R1.6m [Isabelo esilinganayo - iZindlu]
R25.1m [Icandelo eliphezulu]
INkcitho epheleleyo:
R1.250bn [inyuswe ngesi-8.3%]
Intsilelo yezi-R76.4m
Imirhumo:
Imirhumo yepropati 5.7%
Umrhumo wesiseko wombane 15%
[lindleko zokusetyenziswa kuko konke okuthambekele kwibloko ziya kunyuka ngomyinge ophakathi kwe-12% & 13%]
Amanzi 11.5 %
Ugutyulo 5.7%
Ukuthuthwa kweNkunkuma 12.86%

UHlahlo Lwabiwo-mali lwezakhiwo:
Ukunyuswa ngama-49.7% kuHlahlo Lwabiwo-mali lweZakhiwo oluxabisa ama-R261.7m liprojekti ezangezelelweyo li-R14.2m. liprojekti eziqengqiweyo ukususelela ngowama-2018/19 ezixabisa ukuya kutsho kuma-R26.5m
Amanzi: Ngamakhaya ahluphekileyo awafumana Isi-6 kℓ sokuqala esisimahla. Ukunyuka okuli-11,5% kusetyenziso lwamanzi oluqalela kwi-0 ukuya kwi-6 kℓ Ngenyanga.
Ugutyulo: Imirhumo yokuhanjiswa kogutyulo iya kunyuka ngesi-5.7%owehliswe ngesi-3% ukususela kulo nyaka uphelileyo
Ukuthuthwa kwenkunkuma: TUmrhumo wokuthuthwa kwenkunkuma uya kunyuswa nge-12.86%

UKULUNGA KWAMANZI KWIZIKIMU

OKTHOBHA 2018 - MATSHI 2019 INGCACISO YOXILONGO	IYUNITHI	INQANABA SANS 0241	UMNDILILI WAMANZI ANOKUTHWALWA KWENZIWE UXILONGO:								
			Buffelsrivier (Rooi Els, Pringlebaai & Betty's Bay	Kleinmond	Hermanus	Stanford	Gansbaai	De Kelders	Pearly Beach	Baards-keerders-bos	Buffels-jagsbaai
pH	(pH) units	≥ 5 to ≤ 9,7	6,7	7,2	7,5	7,3	7,6	7,5	7,7	9,1	7,6
I-Electrical conductivity	mS/m	≤ 170	26,0	29,3	42,9	75,8	86,4	31,1	50,7	60,2	163,2
I-Turbidity	NTU	≤ 1	0,8	0,2	0,5	0,1	0,5	0,1	0,2	0,5	0,2
Umbala	mg/ℓ as Pt-Co	≤ 15	4,0	4,0	4,0	4,0	4,0	4,0	4,0	4,0	4,0
I-ayon	µg/ℓ as Fe	≤ 300	29,3	24,0	82,7	-	33,7	-	20,2	105,2	33,8
IManganizi	µg/ℓ as Mn	≤ 100	-	-	28,5	-	-	-	-	36,8	19,0
I-Aluminiyam	µg/ℓ as Al	≤ 300	139,5	58,3	98,2	-	192,5	-	27,2	-	12,00
E.coli	Count/100mℓ	0	0	0	0	0	0	0	0	0	0

ISebe laManzi noCoceko (DWS) lindulula ukuba oomasipala ngamathuba athile mabapapashe ingcagciso ngokulunga kwamanzi okusela anikezelwa abathengi.
Ukulunga kwamanzi kulinganiswa kuthelekiswa kwiKhowudi 0241 njengoko kuthiwe thaca kwi-South African National Standards (SANS) elungiselelwe amanzi okusela.

Kwitheyibhile ekhaphayo yokulunga kwamanzi okusela umndilili wezikoro ezifunyenwe ngamaziko onyango lwamanzi asithoba oMasipala wase-Overstrana ukususela ngo-Oktobha 2018 ukuya kuMatshi 2019 zinakho ukubonwa. Iisampulu zamanzi ziqokelelwa rhoqo ngenyanga yilebhu eqinisekisiweyo apho imigangatho eyahlukeneyo yeentsholongwane, yekhemikhali nephilileyo ilinganiswa khona.

Ukulunga kwamanzi koMasipala wase-Overstrand kukulunga okukumgangatho ophezulu kakhulu, kunomdilili wemiphumela eli-100% ukuhambelana neKhowudi 0241 njengoko ithiwe thaca kwiSouth African National Standards (SANS) elungiselelwe amanzi okusela.

Xa ukulunga kwamanzi okusela kungahambelani neSANS 0241, ulungiso luyenziwa kumaziko okucoca amanzi nakwisixokelelwano sokwahlula-hlula ukuba kufanelekile. Ukulunga kwamanzi okusela kuphinda kuhlolwe kwakhona kthelekiswa nonyino lweSANS 0241 ukulungiselela uhambelwano.

UKULUNGA KWAMANZI AMDAKA OMJELO

OKTHOBHA 2018 - MATSHI 2019 INGCACISO YOXILONGO	IYUNITHI	DWS AMANQANABA JIKELELE OGUNYAZISO Asebenza kuzo zonke iWWTW ngaphandle wkeHermanus	UMNDILILI WEZIPHUMO ZEESAMPULU YOXILONGO:					Imvume yaseHermanus yamanqanaba ogunyaziso
			GANSBAAI	HAWSTON	STANFORD	KLEINMOND	HERMANUS	
ipH	(pH)	5.5-9.5	6,8	7,6	7,5	7,5	7,3	5.5-9.5
Ukuhamba kombane	(mS/m)	150	146	157	134	127	179	5000
Ibhakteriya yelindle eyikholifomu	(count/100mℓ)	1000	85	64	48	403	328	1000
Ukufuneka kwe-oksijini	(mg/ℓ)	75 Max	48	59	53	65	55	75 Max
Iamoniya nayitrojini	(mg/ℓ as N)	6 Max	1	9	2	56	4	7 Max
Inayitreyithi nayitrojini	(mg/ℓ as N)	15 Max	4,8	1,1	8,9	1,3	1,3	17 Max
Inayitreyithi nayitrojini	(mg/ℓ as N)		0,2	0,3	0,2	0,4	0,2	
Zizonke iingqalutye	(mg/ℓ)	25 Max	7	9	16	20	8	25 Max
iothofosifeythi	(mg/ℓ as P)	10 Max	2	5	4	4	2	10 Max

ISebe laManzi noCoceko (DWS) lindulula ukuba oomasipala ngamathuba athile mabapapashe ingcagciso ngokulunga kwamanzi okusela anikezelwa abathengi ngokunjalo neziphumo zokugqibela zokulunga kwanzi amdaka omjelo.

Ukulunga kwanzi amdaka omjelo kulinganiswa kuthelekiswa nemigangatho ebekwe yiDWS, ehlelwe njengeMigangatho Ngokubanzi okanye iMigangatho Eyodwa.

Itheyibhile yokulunga kwamanzi amdaka omjelo ibonisa imilinganiselo yomndilili wemida yamanzi omjelo yoMasipala wase-Overstrand kumaziko onyango ama-5 kwesi sithuba seenyanga ezintandathu ezidlulileyo. Iisampulu zithatyathelwa uhlahlelo rhoqo ngenyanga zilebhu eziqinisekisiweyo.

Ukulunga kwamanzi amdaka omjelo koMasipala wase-Overstrand kuhambelana ngokupheleleyo nama-93%.

Xa ukulunga komjelo kungahambelani neMigangatho Ngokubanzi, izilungiso zenziwa kumaziko onyango. Ukulunga kokugqibela komjelo kuya hlolwa kwakhona kuthelekiswa neMigangatho Ngokubanzi ukulungiselela uhambelwano.

II-AKHAWUNTI ZIKAMASIPALA: ZIYA KUKHANGELEKA NJANI

II-AKHAWUNTI ZIKAMASIPALA ZARHOQO NGENYANGA ZOWAMA-2019/20

IBHASIKITHI YENYANGA YEERHAFU - INDAWO YOKUHLALA ENYE NGOWAMA-2019/20				
Usetyenziso oliphezulu lombane lweemitha ezihlawulelwa kwangaphambili Ixabiso: R3 500 000	Unyaka 2019/20	Unyaka 2019/20	isixa-mali	% Ukunyusa/ Ukwehla
Intlawulo	1 170,70	1 240,94	70,24	6,00
Ugutyulo* Ikhowudi yeRhafu: SE7A1+SE8A	536,31	568,69	32,38	6,04
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	41,70	53,54	11,84	28,39
Inkukuma 1x ngeveki	155,04	164,35	9,31	6,01
Amanzi 50 kℓ	1 020,71	1 083,43	62,73	6,15
iVAT 15%	263,06	280,50	17,44	6,63
INXENYE IYONKE	**3 187,51**	**3 391,46**	**203,95**	**6,40**
Initha yombane ehlawulelwa kwangaphambili 1500kWh	2 659,14	2 840,57	181,42	6,82
iVAT 15%	398,87	426,09	27,21	6,82
IYONKE	**6 245,53**	**6 658,11**	**412,58**	**6,61**
HPP ukuba iyangena	117,07	124,09	7,02	6,00

IBHASIKITHI YENYANGA YEERHAFU - INDAWO YOKUHLALA ENYE NGOWAMA-2019/20				
Usetyenziso kuqoqosho oluphantsi (ubuhlwempu) Ixabiso: R1000 000	Unyaka 2019/20	Unyaka 2019/20	isixa-mali	% Ukunyusa/ Ukwehla
Intlawulo	16,97	17,98	1,02	6,00
Ugutyulo* Ikhowudi yeRhafu: SE7A1+SE8A	194,10	205,81	11,71	6,03
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	41,70	41,70	0,00	0,00
Inkukuma 1x ngeveki	0,00	0,00	0,00	0,00
Amanzi 10 kℓ	40,96	43,42	2,46	6,00
iVAT 15%	41,51	43,64	2,13	5,12
INXENYE IYONKE	**335,23**	**352,55**	**17,31**	**5,16**
Imitha yombane ehlawulelwa kwangaphambili 350kWh	300,90	318,35	17,45	5,80
iVAT 15%	45,13	47,75	2,62	5,80
IYONKE	**681,27**	**718,65**	**37,38**	**5,49**
HPP ukuba iyangena				

IBHASIKITHI YENYANGA YEERHAFU - INDAWO YOKUHLALA ENYE NGOWAMA-2019/20				
Usetyenziso oluphakathi lombane lweemitha zombane ezihlawulelwa kwangaphambili Ixabiso: R25 000 000	Unyaka 2019/20	Unyaka 2019/20	isixa-mali	% Ukunyusa/ Ukwehla
Intlawulo	831,37	881,25	49,88	6,00
Ugutyulo* Ikhowudi yeRhafu: SE7A1+SE8A	322,43	341,89	19,46	6,04
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	41,70	53,54	11,84	28,39
Inkukuma 1x ngeveki	155,04	164,35	9,31	6,01
Amanzi 25 kℓ	387,97	412,73	24,76	6,38
iVAT 15%	136,07	145,88	9,81	7,21
INXENYE IYONKE	**1 874,56**	**1 999,63**	**125,07**	**6,67**
Imitha yombane ehlawulelwa kwangaphambili 800kWh	1 361,83	1 454,39	92,56	6,80
iVAT 15%	204,28	218,16	13,88	6,80
IYONKE	**3 440,67**	**3 672,18**	**231,51**	**6,73**
HPP ukuba iyangena	83,14	88,12	4,99	6,00

IBHASIKITHI YENYANGA YEERHAFU - INDAWO YOSHISHINO NGOWAMA-2019/20				
Ushishino - luphakathi (isigaba - zintathu) Ixabiso: R3 200 000	Unyaka 2019/20	Unyaka 2019/20	isixa-mali	% Ukunyusa/ Ukwehla
Intlawulo	2 056,00	2 179,36	123,36	6,00
Ugutyulo* Ikhowudi yeRhafu: SE7A1+SE8A 1	548,53	581,65	33,12	6,04
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	41,70	53,54	11,84	28,39
Inkukuma 1x ngeveki 3	465,11	493,05	27,94	6,01
Amanzi 40 kℓ	780,84	827,69	46,85	6,00
iVAT 15%	275,43	293,39	17,96	6,52
INXENYE IYONKE	**4 167,60**	**4 428,68**	**261,08**	**6,26**
Imitha yombane ehlawulelwa kwangaphambili 7000kWh	11 818,34	12 554,77	736,43	6,23
iVAT 15%	1 772,75	1 883,22	110,47	6,23
IYONKE	**17 758,69**	**18 866,67**	**1 107,98**	**6,24**
HPP ukuba iyangena	205,60	217,94	12,34	6,00

IBHASIKITHI YENYANGA YEERHAFU - INDAWO YOKUHLALA ENYE NGOWAMA-2019/20				
Usetyenziso oluphantsi lombane lweemitha zombane ezihlawulelwa kwangaphambili Ixabiso: R1 000 000	Unyaka 2019/20	Unyaka 2019/20	isixa-mali	% Ukunyusa/ Ukwehla
Intlawulo	322,37	341,71	19,34	6,00
Ugutyulo* Ikhowudi yeRhafu: SE7A1+SE8A	236,87	251,17	14,30	6,04
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	41,70	53,54	11,84	28,39
Inkukuma 1x ngeveki	155,04	164,35	9,31	6,01
Amanzi 15 kℓ	240,98	256,92	15,94	6,62
iVAT 15%	101,19	108,90	7,71	7,62
INXENYE IYONKE	**1 098,14**	**1 176,59**	**78,45**	**7,14**
Imitha yombane ehlawulelwa kwangaphambili 600kWh	991,18	1 058,34	67,17	6,78
iVAT 15%	148,68	158,75	10,07	6,78
IYONKE	**2 237,99**	**2 393,68**	**155,69**	**6,96**
HPP ukuba iyangena	32,24	34,17	1,93	6,00

IBHASIKITHI YENYANGA YEERHAFU - IZIZA EZINGENANTO NGOWAMA-2019/20				
Umyinge wovavanyo Ixabiso: R250 000	Unyaka 2019/20	Unyaka 2019/20	isixa-mali	% Ukunyusa/ Ukwehla
Intlawulo	145,21	153,92	8,71	6,00
Ugutyulo olungathungelwa Fumaneka	108,54	115,09	6,55	6,03
Inkukuma Fumaneka	77,51	82,17	4,66	6,02
Umbane Fumaneka	267,52	291,60	24,08	9,00
Amanzi Fumaneka	121,83	129,14	7,31	6,00
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	41,70	53,54	11,84	28,39
iVAT 15%	92,56	100,73	8,17	8,82
IYONKE	**854,86**	**926,18**	**71,32**	**8,34**
HPP ukuba iyangena	14,52	15,39	0,87	6,00

I-HPP - Hermanus Yokhuseleko Loluntu

AMABHUNGANE AYAYONAKALISA IMITHI - ISICELO SOKUNQANDA OLU ZALISO

Uzaliso olusandula ukubakho ngamabhungane ekubhekiselelwa kuwo njenge-polyphagous short hole borer (PSHB) lube nomphumela wokufa kwemithi kulo lonke

Uzaliso olusandula ukubakho ngamabhungane ekubhekiselelwa kuwo njenge-polyphagous short hole borer (PSHB) lube nomphumela wokufa kwemithi kulo lonke

Amabhungane ahlasela iindidi ezahlukeneyo zemithi ngokugrumba iinyoba ezincinane zokuzalela amaqanda. Ngapheulu koko, athwala umngudo kwimizimba yawo athi ayityale njengomthombo wokutya. Io mngundo ithintela uhambo lwenkqubo yangaphakathi yomthi ethi, ixhomekeke kwiintlobo zomthi nenqanaba lozaliso, ekugqibeleni ibangele ibe ngunobangela wokufa komthi.

Kwinzame zokuthintela olu zaliso, uMasipala wase-Overstrand ucela bonke abanini bepropati, kunye nabamelwane abanale nkxalabo okokuba bahlole imithi bekhangela oku kulandeliyo:

- Intlaka okanye incindi evuza kwixolo
- Imingxunya ebonakalayo yokungena nokuphuma
- Ukuchiza okubuswekile
- Iimbuphu zomthi okanye umgutyana ocolekileyo (izinto ezikhutshwa ngumzimba) ezibonakalayo ngasemngxunyeni
- Umngundo owenza ibala kwindawo ethambileyo ephantsi kwexolo lomthi okanye kwixolo elingaphandle
- Ukubola kwenxalenye yomthi okanye komthi wonke

Iimpawu eziqhelekileyo zozaliso ziPSHB

Currently, there is no fully effective or registered treatment for either the insect or the fungus. Severely infested trees are removed and destroyed in order to contain the spread of the disease.

Ngokwakaloku nje, akukho lunyango lusebenza ngokupheleleyo okanye olubhalisiweyo olulungiselelwe isinambuzane okanye umngundo. Imithi engcolisekileyo iyasuswa yaye itshatyalaliswe ukuzama ukuthintela ukusasazeka kwesifo.

Nangona kunjalo, ngokuthambekele kwinto yokokuba ulolongo olulodwa kufuneka luthatyathwe ngesi sithuba senkqubo epheleleyo yokususwa (okt. Ukugawulwa, ukucandwa, ukuthuthwa nokulahlwa), uluntu luyacelwa ngokukhawuleza ukuba lungayigawuli imithi eyasulelekileyo ze luthuthe imathiriyeli eyasulelekileyo luyilahle nakuyiphi na indawo yokulahla pkanye etipini. Oku kungawusasazeka umngundo kwimimandla engasulelekanga.

Ukuba ngaba naluphi na uphawu kwezi mpawu ezibonakalayo emithini ezichaza into yokokuba kukho uzaliso yiPSHB, nceda uqhagamshelane neSebe leeNkonzo zoLawulo lwezeNdalo kule nombolo (028) 316-3724 ngoko nangoko ukulungiselela ukuba amanyathelo afanelekileyo abe nokumiliselwa ukuthintela imingcipheko. Ukufunda ngaphezulu malunga nongenelo lwamabhungane, tyelela https://bit.ly/2SfuySw. Ingcaciso engaphezulu iyafumaneka ngokunjalo kule dilesi www.fabinet.up.ac.za/index.php/research/7

Ungumfama? Usifanele isaphulelo!

Iipropati zolimo ziya kulinganiswa kumrhumo "WEEFAMA", kuxhonyekekwe ekubeni umlimi/umfama abe ungenise ubungqina kumasipala bokokuba ipropati isetyenziselwa kuphela iinjongo zokufama.

Iifomu zokwenza isicelo ziyafumaneka kwiwebhusayiti yethu.

Nayiphi na imibuzo ngokubhekiselele koku kungentla inakho ukubhekiswa kwiOverstrand's Rates and Data Control Office kule nombolo (028) 313-8000, ifekselwe kule nombolo (028) 312-1894 okanye Ithunyelwe nge-Imeyile kule dilesi enquiries@overstrand.gov.za.

UnguMhlali-phantsi okanye ukhubazekile? Mhlawumbi ungafaneleka ukuba ufumane isaphulelo!

Abantu abathathe umhlala-phantsi nabakhubazekileyo bafanelekile ukuba bafumane izaphulelo ezizodwa kwimirhumo yepropati, ngokuhambelana nengeniso yabo yemivuzo yekhaya epheleleyo. Ukuze usifanele esi saphulelo:

- Umnini/abanini kufuneka abe/babe ngummi/ngabemi boMzantsi Afrika
- Umenzi/abenzi besicelo kufuneka abe/babe ngumnini/abanini ababhalisiweyo
- Umnini/abanini kufuneka ahlale/bahlale kwipropati njengeyona ndawo yakhe/yabo yokuhlala
- Umnini/abanini kufuneka babe neminyaka engama-60 ubudala okanye babe bafumana umhlal-phantsi wokukhubazeka ovela kurhulumente
- Umvuzo wenyanga wengeniso yekhaya awunakuba ngaphezulu kokuphinda-phindwe kasibhozo kumhlala-phantsi wentlalo oxhaswa ngemali ngurhulumente ngenyanga (R14 240)
- Umenzi/abenzi besicelo abanakuba ngabanini beepropati ezingaphezulu kwenye.

Iifomu zezicelo ziyafumaneka kwiwebhusayiti yethu.

Nayiphi na imibuzo ngokubhekiselele koku kungentla unokuyithumela kwi-Overstrand's Rates and Data Control Office kule nombolo yemfon-mfono (028) 313-8000, uyifeksele kule nombolo (028) 312-1894 okanye uyithumele dilesi ye-imeyile enquiries@overstrand.gov.za.

IMIRHUMO YOKUPAKA ESEBENZAYO KWA-K0HONA EHERMANUS

Kulandela iqela leeveki apho abaqhubi zimoto bebonwabele ukupaka simahla kwiCBD yaseHermanus, nceda uqaphele into yokokuba imisebenzi yolawulo lokupaka iqalisiwe ngasekupheleni kukaMeyi.

Ngokwesiqhelo, imurhumo yokupaka yi-R1 isithuba semizuzu eli-15, zi-R2 isithuba semizuzu engama-30 (okanye inxalenye yoko) kunye ne-R4 ngeyure ngeMivulo ukuya ngolweziHlanu phakathi kweeyure eye-08:30 kunye neyama-16:00. NgemiGqibelo, iiyure zomsebenzi ziqalela ngeye-08:30-13:00 ze imirhumo yokupaka ibe zi-R4 ngeyure, nokokuba upake isithuba esiyimizuzu eli-15 okanye engama-30. Ukupaka kuya kuba simahla ngeeCawa nangeeholide zikarhulumente

Abajongene nokupaka banxiba mnyama, banxibe iibhibhi zokhuseleko ezityheli yaye bonke banoomatshini be-elektroniki abathi bashicilele iphetshana elibonisa ixesha olichithileyo nolihlawulelayo.

Ngorhatya nangeeCawa/ngeeholide zikarhulumente apho kungekho bagcini bokupaka, Imirhumo ayikho

Akudingeki okokuba uhlawule iigadi zengingqi (ezinxibe iivesti ezibengezelayo eziluhlaza, ezi-orenji nezityheli) kodwa unakho ukukhupha itipu yeli xesha alichithileyo egade imoto yakho. Oku akusiso isinyanzelo kodwa ngumbulelo kwabo bangenayo imisebenzi kodwa bezama ukufumana imali.

Ukupaka kuhlawulwa kuqala komnye weemashali ezinikwe eso sithuba sokupaka. Ukuba uhleli ixesha elidana kunelo ulihlawuleleyo, unakho ukuhlawula isixa-mal esingahlawulwanga kunye nonogada wendawo yokupaka xa ubuyele emotweni yakho

Qaphela, ngokunjalo, into yokokuba ukupaka okusimahla kuyafumaneka eHoy's Koppie (ejongene noCheckers) yaye kumhlaba weNG Church, eHermanus naseGearing's Point

Khumbula, imirhumo yokupaka erhafiswa ngamaziko aneevenkile ezininzi zokuthenga afana nooWoolworths noCheckers kumhlaba wazo wangasese imiselwa ngabaphathi baloo maziko okuthenga njengoko ingeyiyo ipropati kamasipala.

Iidiski zokupaka

Abanini bamashishini nabo ngokunjalo baya kukhetha ukufumana idiski yokupaka esigxina kwi-AFRISERV ngendleko ezingama-R320 ngenyanga. I-ofisi zabo zise-12 Royal Street, Hermanus.

Izikhalazo

Izikhalazo eziphathelelene neemashali zokupaka zinokuthunyelwa phakathi kweyure yesi-08:00 neye-16:30 kuPhilip Kapa kule nombolo 072 588 8618 0725888618@vodamail.co.za.

Ukuba ngaba akukwazi ukufumana igama lemashali yokupaka echaphazelekayo, chaza nje umhla kunye nexesha kunye nendawo.

Ukugrunjwa kwezitsali-manzi ezibini ezitsha eHermanus kuyaqhubeka

Ukwandisa amakhono abo amanzi angaphantsi komhlaba ngenzame zokuhlangabezana nebango elikhulayo lamanzi edolophini, uMasipala wase-Overstrand uya kugrumba izitsala-manzi ezibini ezitsha kummandla okwiGateway Shopping Centre. Ukugrumba kucwangciselwe ukuba kuqale ekuqaleni kuJuni yaye kulindeleke ukuba kuqhubeke isithuba seeveki ezintathu.

Zombini ezi zitsali-manzi zikumhlaba kamasipala kummandla weMountain Drive ngaphaya ko-R43 ukususela kwiGateway Shopping Centre.

Izitsali-manzi ziya kugrunjwa kubunzulu obumalunga nama-300 eemitha yaye ziyilelwe ukuba zibe nokujolisa kwidwala elinzulu yaye, ngoko, aziyi kuchaphazele idwala elingenzulu apho uninzi lwamakhaya lutsala khona amanzi awo aphantsi komhlaba.

Kulindeleke into yokokuba ukufunyanwa kwamanzi kuya kwenzeka ngeli thuba lenkqubo yokugrumba. Oku kuya kuba nomphumela wezixa zamanzi okusela atsalwa emhlabeni, kulindeleke iilitha ezingaphaya kwama-50 ukuya kwi-100 ngomzuzwana ngamnye, aya kuthi aqokelelwe ze afakwe kwiidreyini zamanzi emvula.

Ngokuthambekele kwinto yokokuba ukugrumba kuya kubangela ingxolo nokuvela kothuli, kuya kuqhutywa emini kuphela. Ngaphezulu, impembelelo kubahlali abakufutshane iya kuthintelwa kangangoko kunokwenzeka, yaye baya kwaziswa ngaphambi kokuba kugrunjwe.

Ukugrumba kuthelekelelwa ukuba kuya kuqhutywa isithuba esiphakathi kweveki enye okanye ezimbini ngesitsala-manzi ngasinye. Qaphela, nangona, ukuhlolwa kwempompo kuya kuthatha isithuba seveki yaye oku kuya kuba ngumsebenzi weeyure ezingama-24.

O·A·K

UNiel Rademan (piano), Corneil Müller (cello), Lucas Heinen (accordion) kunye noLouis Jones (percussion) baya knowabisa ababukeli ngenkqubo yeclassical karett-style kwiCivic Auditorium ngeCawa, umhla wesi-18 ku-Agasti, ngentsimbi ye-15h30. Iingoma ziya kubandakanya i-SONS, AMSTERDAM, POR UNA CABEZA and AL Lê DIE BERGE NOG SO BLOU.

Amatikiti abiza i-R150 (R60 kubafundi) yaye aya kufumaneka kwiTourism Office ekuqaleni ku-Agasti (028 312 2629). Qhagamshelana noRené du Plooy kule nombolo 082 940 4238 ukufumana ingcaciso engaphenduli. I-ANNUAL OVERBERG EISTEDDFOD PRESTIGE CONCERT iya kubanjwa ngorhatya ngolwesiBini, umhla wama-27 ku-Agasti, ngentsimbi yesi-7 ngokuhlwa. Amatikiti ayafumaneka kwiTourism Office eHermanus (028 312 2629) yaye adla ama-R40.